



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
IPHEPHA LOKUQALA [UWIWO] (P1)**

NOVEMBA 2007

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo nendlela owakha ngayo izivakalisi zakho.

ICANDELO A**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda lo mhlomlo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

UBUHLANTI KWAXHOSA

Ubuhlanti yindawo ebalulekileyo nehloniphekileyo kwaXhosa. Asinguye nabani na onokusondela ebuhlanti, kuba leyo yindawo engcwele, umnquba weminyanya. Umntu ongumendi kufuneka abucwezele, abuhloniphe ubuhlanti kuba kulapho kulele khona ooyisezala. Kufuneka ngalo lonke ixesha athwale entloko, abhinqe esinqeni ukunika imbeko kooyise.

Mandulo intloko yekhaya ibe ingcwatyelwa kumaxhanti obuhlanti, kungoko ke kusithiwa yindawo engcwele. Xa amadoda ethe nqwadalala ngasebuhlanti esitya izinto zawo awalibali ukumane ethontsizela phantsi ukuze ooyise abangasekhoyo bangcamle nabo kule nto ayityayo.

Ubuhlanti ngumnquba wakwaXhosa, apho kwenziwa khona izicamagusho kwabaphantsi. Xa othile ethe wayiqumbisa iminyanya yakowabo, kufuneka aphilaze igazi lokuzingxengxezela ukuze angalandelwa ngamashwa namashwangusha. Yonke loo nto kufuneka eyenzele ebuhlanti apho kulele khona iminyanya.

Yindawo ekudibanela khona amadoda ekhaya - aphilayo nangasekhoyo kuxoxwe ngemicimbi edla umzi. Nawuphi na umcimbi obalulekileyo kwaXhosa uxoxwa phambi kobuhlanti belo khaya. Injongo kukuba nabo bangasekhoyo bayive ingxoxo leyo, kunjalo nje bathabathe inxaxheba kuyo.

Imicimbi yobulawu ithethelwa apha. Iqhina lomtshato elitywinwe kule ndawo alisokuze likhululwe bani, kuba kaloku alenziwanga ngabatshati kuphela, koko ngamaNantsi ephela. Naxa intombi leyo isiya emzini iqinisekile ukuba ihamba ngemvume yeminyanya yekhaya, ngoko ke ihamba ikhatshwa ngamathamsanqa.

Amakhwenkwe akhutshwa esuthwini ayalwa phambi kobuhlanti kuba kufuneka efumene iziyalo nakwabo bangasekhoyo. Inyama yesiko, nokuba yeyentonjane, umgidi okanye umtshato kufuneka ixhelelwe ebuhlanti.

Xa unyana ehlanjwa kokwabo ngenxa yezenzo zakhe ezigwenxa le nyewe ixoxelwa ebuhlanti. Ngale ndlela kwaziswa zonke izihlobo zakhe, nezo zingasekhoyo, ukuba akasabalelwa phakathi kwabantu belo khaya.

Ukubonisa ukuba amaXhosa amandulo ebekholelwa kubomi obuzayo, intloko yekhaya ibingcwatywa nezinto ebe izisebenzisa ngoko ibisaphila, izinto ezinjengeengubo, inqawe, icuba njalonjalo. Ezi zinto zonke ziza kusetyenziswa kwelo lizwe labafileyo. Inxaxheba ethatyathwa ngumntu obhubhileyo kwaXhosa yileyo ebeyithabatha ngoko ebesaphila. Unakho ukuqeqesha, ukohlwaya okanye ukuqumba xa athe woniwa.

[N. Luwaca, Umfundi eUnitra]

- 1.1.1 Uyavumelana na nembono ethi umendi kufuneka athwale entloko abhinqe esinqeni? Uvumelana okanye awuvumelani ngokuba kutheni? (2)
- 1.1.2 Nika iimeko zibe mbini ezibonakalisa ukuba amaXhosa asabambebelele kumasiko nezithethe zawo. (2)
- 1.1.3 Khawusixelele ukuba abantu bamandulo nabantu banamhlanje bafana ngantoni, bahluke ngantoni? Zixhase. (2)
- 1.1.4 Ngokwakho ukubona ingaba ukhona na umahluko phakathi kokungcwatyelwa kwentloko yekhaya exhantini, nokuya kwamanye amangcwaba? Nika isizathu. (2)
- 1.1.5 Uyakholelwa na ukuba abantu abangasekhoyo banendima abayidlalayo kubomi bethu thina bantu basaphilayo? Nika isizathu. (2)
- 1.1.6 Kwenzeka ntoni kumntu oqumbise iminyanya? (2)
- 1.1.7 Intetho ethi 'kufuneka uphalaze igazi' ithetha ukuthini? (1)
- 1.1.8 Cacisa ngokoluvo lwakho umahluko phakathi kwezinyanya neminyanya'. (2)

1.2 ISICATSHULWA B

Funda le ncoko yesi sibini uze wandule ukuphendula imibuzo.

AMANDLA ENTENGISO KUSHISHINO

Isibini sabafundi siyafunda ukuze emva koko sinikezele kwesinye.
[Unovenkile uNtengo uxakekile kwi-ofisi yevenkile yakhe ubonisana noZethu unyana wommelwane wakhe.]

UNtengo: [Ekhathazekile] Mfo wam, ithuba lokuba undinceda lifikile.

UZethu: [Emangalisiwe] Ithuba lokukunceda ngantoni, bawo?

UNtengo: [Ekhathazekile] Ekubeni uhlangule ishishini lam.

UZethu: [Esamangalisiwe] Njani, tata? Le ntetho yakho ithande ukusithela kum.

UNtengo: [*Elungisa ukuhlala*] Ukuba undincede abathengi bam babuyele kum.

UZethu: Njani, tata?

UNtengo: [*Ebuncuma*] Ngokwenza intengiso yenye yeemveliso zale venkile. Andithi ukufundele oko?

UZethu: Ewe, tata kunjalo. Izifundo ezimalunga noko ndizenzile.

UNtengo: Ukutsho ke unako ukundinceda.

UZethu: Ndiza kuzama kodwa

UNtengo: [*Embetha emlonyeni*] Kodwa ntoni? Thetha nje mfo wam.
[Bayanqumama]

UZethu: [*Ekrwemp'intloko*] Oku kuza kufuna imali.

UNtengo: [*Ethe xhungu*] Imali? Imali engakanani? Nawe ndiza kukuhlawula?

UZethu: Hayi tata andinqweneli ukuba undihlawule.

UNtengo: Xa kunjalo imali yeyokwenza ntoni?

UZethu: Yeyokwenza intengiso.

UNtengo: [*Ebuhlupheka*] Ufuna ukuhlawulwa malini? Gxebe imali yentengiso ndiza kuyifumana phi? Ininzi kangakanani?

UZethu: Tata, ndiza kukwenzela nje ngesisa mna okwangoku.

UNtengo: [*Ebuncuma*] Enkosi, mfo wam. Inene xa kuphinde kwalunga ndakukuncazela.

UZethu: Enkosi tata ngaloo mbono.

UNtengo: Uthi iza kuba yimali ni intengiso?

UZethu: Siza kwenza efuna nje imali encinane.

UNtengo: [*Ethe xhungu*] Ingaba ngoku kuza kufuneka ndigqibezele nobutikana bam bokugqibela?

UZethu: [*Encuma*] Ewe, tata. Khumbula kaloku ukuba imali ithenga enye.

UNtengo: Ndiyakuva mfo wam. Xa imeko isitsho andinakwala. Ingaba oku kuza kwenzeka njani?

UZethu: Kufuneka sikhethe imveliso ethile siyibhengeze ngeyona ndlela ibanga umdla kubathengi.

UNtengo: [*Ebuncuma*] Uthetha mfo wam ngale nto kuthiwa yi-athvethi?

UZethu: Yona kanye ke, tata.

UNtengo: Kha utsho ke mfo wam, ungakhe undithele gqaba-gqaba ukuba uyintoni umsebenzi we-athvethi le kushishino?

UZethu: Kaloku tata i-athvethi okanye intengiso inceda ukugqithisa okubalulekileyo ngemveliso leyo kubathengi, ukwenzela ukuba abathengi babe nomdla balangazelele ukuyithenga imveliso leyo.

UNtengo: [*Encumile*] Tyhini mfondini! Watsho kwathi qwenge. Inene kuyacaca ukuba oku ukufundele. Zeziphi ke iindlela zoku-athvethayiza ezilungileyo?

UZethu: Zininzi tata.

UNtengo: Yitsho mfo wam ndiziindlebe ndonke.

UZethu: Singa-athvethayiza ngokusasaza iiflaya, uku-athvethayiza imveliso kwithelevijhini, koonomathotholo, amaphepha-ndaba, kwiipowusta.

UNtengo: Ucinga ukuba singakhetha eyiphi ke okwangoku?

UZethu: Ndingca ukuba xa sinokwenza iflaya kuphela okwangoku, noko awungekhe ude udleke kakhulu.

UNtengo: Oo, ndiyeva ke nyana, siza kwenza njani ke ngoku ukuqalisa yonke le nto?

UZethu: Masiqale si-athvethayize eyona mveliso ibalulekileyo esinayo kubathengi bengingqi yethu.

UNtengo: Kulungile ke mfo wam, makhe sizame. Siya kubuya sidibane ukuze sivumelane ukuba siqala ngeyiphi na kanye.

IMIBUZO:

- 1.2.1 Ukuba ungangusomashishini onemveliso ethile oyithengisayo, ucinga ukuba ungathanda ukusenza njani isibhengezo? Nika isizathu sokuba ukhethe olu hlobo. (3)
- 1.2.2 Kuthetha ukuthini ukuthi 'imali ithenga enye' (2)
- 1.2.3 Chaza okuthethwa zezi ntethwana: (2)
- (a) Kwathi qwenge
- (b) Ndiziindlebe ndonke
- 1.2.4 Khawucacise ukuba kukuthini ukubhengeza (uku-athvethayiza), utsho ukuba kunceda entwenini na? (2)

- 1.2.5 Chaza iindlela zibe mbini zoku-athvethayiza ekuthethwe ngazo nguNtengo noZethu. (2)
- 1.2.6 Chonga isifanekiso-zwi kule ncoko utsho ukuba sithetha ukuthini. (2)
- 1.2.7 Ngokokwazi kwakho ucinga ukuba ngoobani abona banini-shishini, kukho umninilo okanye abathengi? Xhasa impendulo yakho ukuze ivakale. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda lo mhlomlo uze wandule ukuwushwankathela ngamagama angama-70:

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

1. Shwankathela ngokwamazwi akho
2. Sukudlula kumagama angama-70
3. Chwetha iingongoma ezibalulekileyo

Kudala ukuphothwa kweenwele kwakusenziwa ngamathwasa, ngoku isefashonini loo nto. Oku kuyawacaphukisa amaRasta okwenene kwanathi thina bantu bazimisele ukugcina amasiko ethu. Kukwakho ezinye izinto ezithi xa zinxitywe nje zingabaphathi kakuhle abanye abantu odibana nabo. Umzekelo wenye yezo zinto sisiphandla (intambo). Ngenxa yokuba ezi zinto sezijike zaba yifashoni, into eyenza umdla kakhulu yeyokuba abantu abaninzi obabonayo abanxibe iziphandla (iintambo) bazinxiba kuba besakholelwa kundalashe.

Ungalijongeli phantsi ke inenekazi nelinxibe kakuhle likwanxibe nesiphandla (nentambo). Lisiko lebhokhwe elikuzisela amathamsanqa ebomini bakho. Isiphandla (Intambo) yindlela yokubonisa ukuba eli siko lihambe kakuhle yaye likunxibelelanisa neminyanya yakho. Abanye abantu bayakhalaza bathi abakwazi ukumelana nesiphandla (nentambo) kuba besithi sinuka ufele lwebhokhwe. Kodwa yona iminyanya iliva ivumba lesiphandla (lentambo) lisisiqholo nje esinuka kamnandi. Iyakwazi ukohlula umntu ngevumba nokuthamba kwesiphandla (kwentambo) abasifakileyo xa ityelele. Ngamanye amaxesha isakuba ixheliwe ibhokwe laphalal'igazi kuthatyathwa inyongo nobulongwe ziqatywe kuloo mntu wenzelwa isiko zize zihlanjwe ngemini elandelayo.

Kwezinye iintlanga umntu owenzelwa isiko uthatha inyongo nobulongwe afafazele emanzini aza kuhlamba ngawo aze ahlambe kuwo. AmaZulu aye enze imbeleko yokubelek'usana ngofele lwebhokhwe. Kodwa ke ingxaki yeyokuba sele zimbalwa iingcali eziseleyo ezikwaziyo ukusuka izikhumba eziza kwenza imbeleko. Ukuxhelwa kwebhokhwe nokwenziwa kwembeleko yosana yindlela yokubulela iminyanya nokwazisa ilungu losapho elitsha kuzo. Kukho abantu abaninzi abajongene nobunzima neenzingo ebomini babo kuba bengazange benzela imbeleko. Njengoko iingcali ezisuka izikhumba zingasafumaneki iintsapho ezininzi zenza undlela lula nto leyo ibhetele kunokuba kungenziwa nto, bathatha iimfele zebhokhwe bazenze iinkuko. Ukulahla ufele lwebhokhwe emva kokwenza isiko kuba usithi luyanuka kufana nqwa nokuba akulenzanga isiko. Xa ungalugcinanga kakuhle ufele lwebhokhwe endlwini yakho, loo nto ithetha ukuba kusafuneka wenzele iminyanya isiko. Kuloko ke kubalulekile ukuba uhlanga nohlanga lugcine amasiko nezithethe zawo.

[Ithatyathwe *kwiBona*: Matshi 2005]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

EsiXhoseni isiqu siyakwazi ukuba sithathe izimaphambili ezahlukeneyo. Funda ezi zivakalisi uze uchaze intsingiselo yegama ngalinye elinomgca ngaphantsi:

- 3.1. Ndiyasithanda isizwe samaXhosa kuba siyazidla ngobuXhosa baso. (2)
 - 3.2. Eli lona ilizwe alifuni nkenenkene. Uya kulila rhoqo ukuba akuqinanga. (2)
 - 3.3. Ubuntu baloo mfundisi bamjikela kuloo marhamente angenankathalo. (2)
 - 3.4. Uluntu lwalapha kule lali aluhambisani nobukrelemqa. (2)
- [8]**

UMBUZO 4

Bhala kakuhle le resiphi engabhalwanga ngendlela efanelekileyo. Iresiphi isebenzisa imo eyalelayo xa ibhalwa. Yibhale ke ngokutsha ukuze ivakale kakuhle.

INDLELA YOKWENZA IIKHARI ZOBUSIKA

- 4.1 Kufuneka ulalise iimboty emanzini.
- 4.2 Amanzi eemboty ayakhanywa.
- 4.3 Isuphu ixutywa nenekhari ('curry powder')
- 4.4 Kufuneka uzibilise imizuzu emi-5.
- 4.5 Iimboty zigalelwa, zintyontyiswe eminy' imizuzu engama-20 ukuya kwengama-25.
- 4.6 Kufuneka uyipheke nethowusti okanye irayisi, kungenjalo iitapile. **[6]**

UMBUZO 5

Funda ezi zivakalisi zilandelayo, ukuze ke usixelele intsingiselo eyenziwa bubukho besakhi esinomgca ngaphantsi:

Umzekelo: Ndaghamba kwangoko ndakuva ukuba usisi akaphilanga.

Impendulo: u-a uzisa intsingiselo yesenzo esenzeka kudala\esenzekayo

- 5.1 Ndiabhala wethu, musa ukundiphazamisa. (1)
 - 5.2 Basabhala abafundi, inokuba balonwabele eli phepha. (1)
 - 5.3 Ndimbonile izolo loo mntwana. (1)
- [3]**

UMBUZO 6

6.1 Umfanekiso



Ezi ndaba uza kuzifunda kumabonakude azivakali kakuhle ngenxa yendlela ezibhalwe ngayo. Zilungise khon' ukuze ungaphazami xa uzifunda. Apho kukho khona isifinyezi sibhale ngokupheleleyo.

Eli liziko losasazo kuSABC 7. Nazi iindaba zecala emva kwentsimbi yesixhenxe zifundwa nguZodidi Ntengiso.

Abantu ziyacetyiswa ukuba liza kube likhuph'intlanzi emanzini ngomso ilanga. Bonke abantwana mazihlale ngaphakathi kuba eli langa liyingozi. Bathengeleni ezi zinto zilandelayo abantwana: iziselo, inyhama, amangqebengwana, iilekese, njl.njl. Umyalezo ophuma kwiSebe lezeMpilo uthi gqalani iingcebiso enizininikwa kwiikliniki zenu, umz: musani ukubanxibisa shushu kakhulu abantwana.

Ziphela apho ezi iindaba. Ndiza kubuya nezinye ngentsimbi yeshumi, okt. ezi ziindaba zokugqibela. Nisale kakuhle kumagumbi okubhalela iimviwo. (7)

6.2 Umhlobo wakho ucela umncedise ekufuneni amagama athile kwisichazi-magama. Mbhalele phantsi ukuba la amagama anomgca ngaphantsi kulo mhlomlo ungezantsi alandelelana njani kwisichazi-magama.

6.2.1 ICEBISO NGEMICRO X ECOKISAYO

Sikunika amacebiso avela kwiingcali eziphambili ngeMicro X. Ivasi yakho iyicokisa ngendlela emangalisayo. Ifuna amanzi abanda ceke okwempumlo yenja. Amabala anenkani ayinaxesha lawo, iwabetha alale ngophotho. Ukuze niwubone umsebenzi weMicro X wubambeni umthetho wokusebenzisa le sepha inamandla ancamisileyo. Ukuba nenze njalo anisayi kuzililela ngemali yenu. (5)

- 6.2.2 Nika umzekelo wesimnini esakhiwe kwisibizo u 'mama' uze usisebenzise kwisivakalisi. (1)
- 6.2.3 Esi sivakalisi sikwimo evumayo. Khawusijike ke sibe kwimo elandulayo:
'Wubambeni umthetho wokusebenzisa le sepha.' (2)
- 6.3 Funda lo mhlomlo ulandelayo, uze ke uphendule imibuzo elandelayo:
Ndidibene nentombazana yakwaMvaba ingabaleki isisibhene ukuya esikolweni emva kokuba ivuke emva kwexesha. Ifike apho sele ibile ilithonti ingasaziva kakuhle nezo zifundo zesiXhosa.
Izimamva zesinciphiso zinika iintsingiselo ezahlukeneyo.
Umzekelo: uNowethu ufumene ubugcwabalalana bemali komkhulu.
Impendulo: u-ana ubonisa ukudelela okanye ukweya.
- 6.3.1 Khawuxele esi sakhi sesinciphiso kweli gama 'nentombazana' sibonisa ntoni? (1)
- 6.3.2 Nika isithetha ntonye seli gama 'isisibhene'. (1)
- 6.3.3 Isihlomelo u – esikolweni usinika intsingiselo yendawo. Nika ke intsingiselo evezwa sesi sihlomelo silandelayo:
kakuhle (1)
- [18]**

UMBUZO 7

Khawuqwalasele indlela asetyenziswe ngayo la magama anomgca ngaphantsi kule ncoko yesi sibini:

Thembeke: Kowu! Lixelegu uThoko. Ubuzibonile indlela ebezimdaka ngayo iimpahla abezinxibile.

Thami: Usaziteketisa wena xa uthi zimdaka. Zinyhukunyhuku qha wena. Akaziphathi njengenenekazi. Loo nto obu bunyhukunyhuku bakhe bukhangeleka bunefuthe nakwindlela ahamba ngayo. Usuke walunwabu ngoku.

- 7.1 Amagama u- ebezimdaka no Zinyhukunyhuku akhangeleka ethetha into enye, kodwa xa uqwalasela ukhona umahluko kwintsingiselo yawo. Wuveze lo mahluko ngokusicazulela intsingiselo ngegama ngalinye. (2)
- 7.2 Nika intsingiselo alisebenzise kuyo igama 'walunwabu' umbhali kule ncoko. (1)

- 7.3 Ufumene iresiphi enomdla, kodwa kuyo kukho amagama antsingiselo angayaziyo umhlobo wakho. Mncede ngokumnika ezo ntsingiselo zaloo magama anomgca ngaphantsi:

IRESIPHI YOKUBA NAMANDLA OKUDLALA

Vuka rhoqo kusasa wenze umthambo.

Baleka kangangeyure ungangxami.

Nkcunkca ixesha elingangeeyure ezimbini ukuze ivuleke imithambo.

(2)
[5]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU ELI PHEPHA EWONKE: 80